# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala



## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.



Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.



Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.

Namhlanje yimini yokuzalwa kukaThandi. Umama wakhe umnike ibhokisi esongelwe ngephepha elipinki. Ngaphakathi bekukho iwotshi ekukudala eyinqwenela!

"Enkosi Mama! Enkosi Tata! Kudala ndinqwenela ukuba newotshi epinki!" uThandi wagigitheka onwabile. "Ndingxamele ukubonisa uSisile noLisa iwotshi yam entsha."
Umama wakhe wamwola, wamanga ngobubele. "Ugqiba iminyaka elithoba namhlanje. Min' emnandi kuwe, ukhule Thandi."

"Khawulezisa okanye uza kushiywa yibhasi yesikolo," watsho utata wakhe.



"Ungabi naxhala Tata. Ayisoze iphinde indishiye kwakhona ibhasi. Ngoku ndinewotshi kwaye ndiyazi ukuba ibhasi ihamba kwimizuzu eli-12," waphendula echwayitile ephuma esiya esikolweni.



UThandi wehlika nje ebhasini, wabaleka ukuya esikolweni onwabile. Wayengxamele ukubonisa uSisile noLisa iwotshi yakhe entsha epinki.

"Wonke umntu eklasini unewotshi, ngoku nam ndinayo," wacinga njalo uThandi. "Azi ukuba baza kuthini uSisile noLisa xa bebona iwotshi yam entle."

Wajonga iwotshi yakhe. "Intsimbi yesikolo iza kubetha kwimizuzu engama-20 nemizuzwana engama-30. Ndinexesha elaneleyo lokubonisa uSisile noLisa iwotshi yam," wacinga njalo.

"Molweni Sisile noLisa, yizani nize kubona isipho semini yam yokuzalwa!" wababiza uThandi.

Kodwa uSisile noLisa babengabonakali ngathi bayamva. Baqhubeka bahamba.

"Sisile! Lisa! yimini yam yokuzalwa namhlanje! Yizani nizokubona iwotshi yam entsha!" wababiza uThandi.

Kwakhona, uSisile noLisa baba ngathi abamvanga. Bamfulathela uThandi baze basebezelana.

"Balibele ukuba yimini yam yokuzalwa," wacinga njalo uThandi. "Eshee, inoba kutheni?"

Ngexesha lekhefu, uThandi ubone uSisile noLisa behleli phantsi komthi, besebeza. Uthe uThandi akuba kufutshane nabo, bahamba.

"Hee-e! inoba kutheni?" wacinga njalo uThandi.

Ngaloo mzuzu, uKen wamkhwaza, "Molo Thandi! Yiza uzodlala nam."

"Andazi ukuba kutheni namhlanje, uSisile noLisa bayandibaleka." watsho uThandi kalusizi kuKen.

"Ungakhathazeki Thandi. Masidlale ibhola ekhatywayo", waphendula uKen.

"Ndikhathazeke kakhulu andinakukwazi ukudlala ibhola ekhatywayo, Ken. Ndifuna ukugoduka".



UThandi wacothoza wayokukhwela ebhasini yesikolo. "Bendinethenba lokuhlala noSisile noLisa," wacinga. Kodwa uThandi wazibona ehleli yedwa.

Wabukela uSisile noLisa besebeza kwakhona. Wayethe nqa ukuba kutheni bonkeabanye abantwana besebezelana. Ngalo lonke ixesha ebajonga, bonke babejonga kude. NoKen waqala ukusebeza. "Mmm, inoba kutheni?" uThandi wacinga elusizi.

"Ndingxamele ukufika ekhaya. Imini yam ibimbi kakhulu," wambombozela yedwa ngokuthe cwaka.



"Inoba kwenzeke ntoni?" uThandi wazibuza.

Wajonga ewotshini yakhe entsha. Indlela awayetshiseka ngayo efuna ukubonisa abahlobo bakhe, yayingummangaliso.

"Akunani!" wacinga. "Ndiza kuba sekhaya kwimizuzu engama-27 nemizuzwana engama-42. Mhlawumbi ndiza kukwazi ukubonisa uSisile noLisa iwotshi yam ngomso".

Usizana olunguThandi lwaziva lulilolo. Akukho mntu othethe naye. Akukho mntu omjongileyo.

"Shee! inoba kutheni?" wacinga uThandi ekhathazekile.



Abantwana behlika kwindawo yokumisa ibhasi ekufutshane nekhaya likaThandi.

UThandi waphinda kwakhona wakhwaza.

"Sisile, Sisile! Sisile! Lisa! Jongani iwotshi yam entsha!" wakhwaza.

Kodwa uSisile noLisa basuka bahleka, babaleka.

UKen waya kuThandi. "Kutheni ukhangeleka ulusizi nje Thandi? Yiza, siza kuhamba kunye."



...wahamba ke uThandi noKen bethe ngcembe ukuya ngasendlwini yakuloThandi.

"Inoba kutheni uSisile noLisa bengathethi nam nje?" uThandi wabuza uKen.

"Hee-e! inoba kutheni bethu?" uKen wacinga, etsho ngolukaBhlankethe uncumo.

UThandi wavula umnyango ongaphambili. Isiqubuliso esinjalo! Bonke abantwana eklasini yakhe babelapho.

"Sikuqubule! Min'emnandi kuwe!" yakhwaza iklasi yeBanga lesi-3.

"Oo-o! Ndiyabona ke ngoku ukuba kutheni nonke benindibaleka namhlanje." watsho uThandi onwabile.

"Sibonise iwotshi yakho entsha!" bakhwaza uSisile noLisa.

...uKen wancuma nje ethe cwaka.

Mhmm, inoba kutheni?

**Abahlobo bokwenene bayakhathalelana.**



# Ubusazi na?



Kudala-dala, abantu babelichaza ixesha ngokujonga elangeni. Babesenza amalungiselelo okudibana ngomsobomvu, okanye emva kwemini okanye ukutshona kwelanga. Xa uvumile ukusebenzela umntu othile, ubusenza umlinganiselo weeyure zakho zomsebenzi ngosuku, ukususela ukuphuma kwelanga ukuya ukutshona kwelanga. Ixesha elisuka kwinyanga enye entsha ukuya kwenye yayiyinyanga, lize ixesha elisuka entwasahlobo ukuya kwenye yayingunyaka.

Abantu baqalisa ukuvelisa iindlela zokwenza umlinganiselo wamaxeshana amafutshane. Njengoko unyaka wohlulwe waziinyanga ezilishumi elinambini, baqqiba ekubeni bohlule usuku lube ziiyure ezilishumi elinambini, nobusuku bube ziiyure ezilishumi elinambini. Ehlotyeni, xa iintsuku zinde, iiyure zosuku bezinde nazo.



Izinto zokuqala ezazisenza umlinganiselo wexesha ngaphambi kokuba sibe neekloko neewotshi, yayilithunzana neglasi enentlabathi ethatha iyure ukuhla.




Ithunzana yidiski engqukuva ephawulwe ngeeyure njengekloko. Le diski inokumila okuthe nkqo okuthi kube nesithunzi esiwela kuyo – le yindlela owenziwa ngayo umlinganiselo wexesha ngethunzana.

Iglasi enentlabathi ethatha iyure ukuhla yenziwe ngeebhalbhu ezimbini ezingqukuva zeglasi ezidityaniswa yiglasi eyintanyana encinci phakathi kwazo. Xa le glasi iguqulwe yajongiswa ezantsi, isanti eyenzelwe umlinganiselo iyehla ukusuka phezulu ukuya kwibhalbhu engasezantsi.




Awuvuyi sineewotshi ezincinci ezintle endaweni yoku?

## UVUYO LUYAPHUPHUMA



Lwanga usuku lwakho ingalusuku lwemigcobo,
Yanga intliziyo yakho ingaphuphuma luvuyo,
Lwanga uthando nokuhleka lungahlala kuwe,
Lwanga uncumo lwakho lungazalisa ubuso.
Lwanga ulonwabo lwakho lungahlala naphakade,
Kwanga ukulunga nobubele kungakulandela,
Yanga iminqweno yakho ingazaliseka,
Wanga ungasikeleleka ngosuku lwakho lokuzalwa.



## KHUPHA IKEYIKI

Masikhupheni iibhaloni,
Masikhupheni ikeyiki,
Masicimeni amakhandlela,
Masivuye sibhiyoze.

Ufanelwe lulonwabo,
Lukufanele ngenene,
Ufanelwe luthando,
Kuba lusuku lwakho olulodwa.
Min'emnandi kuwe!



# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 Jonga imifanekiso.

- Xelela umhlobo wakho ngokwenzekayo kumfanekiso ngamnye.
- Xelela umhlobo wakho ukuba ngowuphi umfanekiso ekufuneka ibe ngowokuqala, owesibini, owesithathu nowokugqibela.
- Balisa ngokutsha ibali kumhlobo wakho usebenzisa imifanekiso.





2 Ngqamanisa amagama nemifanekiso. Linganisa amagama ukuze umhlobo wakho aqashele okwenzayo. Okokugqibela, sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi ukubonisa ukuba uyayazi intsingiselo yalo.



| | |
|---|---|
| wasebeza | wakhwaza |
| wahleka | waqumba |
| wazibuza | wabukela |
| wahleka | wamwola |



3 Funda ibali kwakhona uze uxelele umhlobo wakho iimpendulo zale mibuzo.

- Ngoobani abadlali abaphambili kweli bali?
- UThandi wafumana isipho esiyintoni ngosuku lwakhe lokuzalwa?
- Ngawaphi amagama kwiphepha lesi-2 abonisa ukuba uThandi wayesivuyela kakhulu isipho sakhe?
- Kutheni le nto wayefuna ukubonisa abahlobo bakhe?
- Ibali liqala liphinde liphele uThandi eziva onwabile. Yintoni eyamenza ukuba onwabe ekuqaleni nasekupheleni kwebali?
- Kwenzeke ntoni embindini webali ebangele uThandi ukuba azive elusizi?
- Sazi njani ukuba uThandi wayekwazi ukuchaza ixesha?
- Ucinga ukuba uSisile noLisa yayingabahlobo benene? Kuba kutheni?
- Xa ufunda ngendlela uThandi azive ngayo embindini webali, ingaba waziva ubuhlungu ngaye? Chaza ukuba kutheni.
- Jonga imifanekiso esebalini. Zeziphi iimpawu ezibonisa ukuba abantwana babeceba itheko elisekhusini lemini yokuzalwa?
- Ukuba abahlobo bakho bangangakuhoyi ngomhla wakho wokuzalwa, ungaziva njani? Ungathini?
- Ekupheleni kwebali, uKen wancuma. Ucinga ukuba wayencunyiswa yintoni?



4

Cinga ngathi unguThandi.
Khuphela la maxesha alandelayo kwincwadi yakho yemisebenzi uze ubhale phantsi ukuba kwenzeke ntoni kuwe ngexesha ngalinye.

| | |
|---|---|
| 07h00 | |
| 07h15 | Ndingene ebhasini yesikolo. |
| 07h30 | |
| 07h55 | |
| 10h00 | |
| 13h00 | |
| 14h00 | Ndifike ekhaya ndabona bonke abantwana beBanga lesi-3. Benze amalungiselelo etheko lam elisisiqubuliso. |



5

Cinga ngathi unguSisile okanye uLisa. Yenza ikhadi lesimemo sabantwana beBanga lesi-3, ubamemele kwitheko lokuzalwa eliza kuba kuloThandi. Chaza umhla, ixesha nedilesi. Khumbuza abantwana ukuba baligcine eli theko lilihlebo.

Umhla: ______________________

Ixesha: ______________________

Idilesi: ______________________

Qhagamshelana no-: ______________________

Inqanaba: 2

# Incwadi 2

| | |
|---|---|
| Isihloko: | UThandi unemini embi |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-3 Inqanaba 2 Incwadi 2 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | kwakhona, wakhwaza, ngexesha, soze, namhlanje, ngomso, izolo, mhlawumbi, ukungxamela, umzuzu, umzuzwana |
| Isigama: | esongelwe, echwayitile, ukufulathela, ukusebezelana, ixesha lekhefu, ukuthi chu, umnqweno, ukunqwenela, ukumbombozela, ulusizi, iwotshi |
| Izandi: | ntsh, ngx, nqw<br>Izikhuzo: shee, hee-e, owu, oo-o |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Uchaza imifanekiso.<br>▪ Ubeka imifanekiso ngokulandelelana kwayo.<br>▪ Ubalisa ibali asebenzise imifanekiso.<br>▪ Ulinganisa ngeentshukumo engathethi.<br>▪ Uyafunda aze aphendule imibuzo efuna ingqiqo nokuqonda.<br>▪ Wenza itheyibhile ukubonisa isicwangciso.<br>▪ Wenza ikhadi lesimemo. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zeBanga lesi-3 zoLwimi Lweenkobe

Inqanaba: 1

- UMvundlana uqhatha uMpungutye
- Utyelelo elwandle
- Uyolo lwasekhitshini
- Idayari kaNozikhalazo

Inqanaba: 2

- Izilwanyana ziqhweshile
- UThandi unemini embi
- Impelaveki esingasoze siyilibale

Inqanaba: 3

- Irhamncwa ekhabhathini
- Ityala lokulahleka kwamaqebengwana
- Yinyaniso emsulwa

ISBN 978-1-4315-2641-3

9 781431 526413

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2641-3

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.